

UNIVERSITY OF FORT HARE

XHS324 & XHS324E

DEGREE EXAMINATIONS

November 2019

Time: 3 Hours

Subject: IsiXhosa

Paper: Prose

Marks: 100

This paper consists of 6 pages including the cover.

Internal Examiners

Dr. M. Ganiso
Dr. D. Spofana
Prof N. P. Satyo
Dr. S. S. Mdaka

External Examiners

Prof L. L. Kwatsha

Instructions

Phendula imibuzo ibe mine.

Uphendula imibuzo ibe mibini kwicandelo A uze uphendule ube mnye
kwicandelo B, uphendule umbuzo ube mnye nakwicandelo C.

XHS324 & XHS324E - IsiXhosa Prose
Degree Examinations -November 2019

ICANDELO A

Umbuzo 1

1.1 UDingezweni: P. T. Mtuze

Grombonca kule ncwadi kaMtuze uqaqambise indlela aqulunka eqoqa ngayo iphupha likaNyubatyha nelikaDingezweni nendlela uqoqosho nolawulo lwamagwangqa awaqhekeze azingceba ngayo.

[25]

OKANYE

1.2 UDingezweni: P. T. Mtuze

Khukhuza ukhwahlaze kule ncwadi kaMtuze udandalazise indlela adakanca ngayo inzwinini yenzima athubeleza kuyo umntu omnyama phantsi kwengqesho yamagwangqa.

[25]

Umbuzo 2

2.1 Ingqumbo Yeminyanya: A. C. Jordan

Qangqulula udaba olungqonge uThembeka kule ncwadi ubonise indlela uJordan adandalazisa ngayo uluvo lokuba ukunyonyozela nokunyevulela inkcubeko yasendulo udludle nenkcubeko yasemzini kuneziphumo ezimanyumnyezi.

[25]

OKANYE

2.2 Ingqumbo Yeminyanya: A. C. Jordan

Hlalutya isimo sentlalo kwincwadi ka AC Jordan uchaphazele le miba ilandelayo:

1.Indawo

2.Abalinganiswa. Baziintoni? Zizifundiswa? Ngumgweny'obomvu?

Ingaba baziphethe ngokwala macandelo uwaphawuleyo?

Xoxa ngeenkolo neenkqubo zabo zasentlalweni.

Kwimpendulo yakho, bonda ezi ngongoma kwibali eli, ngongoma ezo ezilidudulela phambili ibali

[25]

XHS324 & XHS324E - IsiXhosa Prose
Degree Examinations -November 2019

Umbuzo 3

3.1 Elundini Lothukela: J. J. R. Jolobe

Hluba ulwimi oluyingqaka eyondeleleneyo, nesimbo sokubhala sikaJolobe, ucaphule kwincwadi ethi, Elundini Lothukela

[25]

OKANYE

3.2 Izagweba: Z. S. Qangule

Condoba, uqangqulula ulwimi nesimbo esisetyenziswe nguQangule kule ncwadi yakhe. Ubonise nendlela asiphuhlise ngayo isimo sentlalo.

[25]

ICANDELO B

Umbuzo 4

4.1 Kwezo Mpindo Zetsitsa: A. C. Jordan

U-Duka (2010) uthi, "Iimpawu zebali elifutshane zilenza lahluke kwinoveli". Ngqiyama kule nkcazelo kaDuka ngokukhetha ibali libe linye kula mabali alandelayo ubonakalisa iimpawu zebali elifutshane:

1. Imasi
2. Iifestile zegolide

[25]

OKANYE

4.2 Kwezo Mpindo Zetsitsa: A. C. Jordan

Tyumba ibali libe linye kula mabali alandelayo uze ubonakalise zonke iimpawu zebali elifutshane utsho ukuba umbhali uziphumelele na iimpawu zebali elifutshane okanye akaziphumelelanga. Xoxa

1. Bulal'abathakathi
2. Iyolisa

[25]

XHS324 & XHS324E - IsiXhosa Prose
Degree Examinations -November 2019

Umbuzo 5

5.1 Umthi ngamnye unentlaka yawo: S. Magona

Chonga ibali libe linye eliva umxhelo wakho kumabali owafundileyo kule ncwadi kaMagona uze uphuhlise isakhono okanye ubuqhitala bombhali ekubhaleni ibali elifutshane.

[25]

OKANYE

5.2 Umthi ngamnye unentlaka yawo: S. Magona

Kwibali elithi "Umthi ngamnye unentlaka yawo" xoxa ubonakalise ukuba eli bali lingqinelana njani na nesihloko sale ncwadi.

[25]

Umbuzo 6

He he! Ndiyeva Lawundini: H. N. Mjamba

Kwibalana elithi, "*Idabi lomhla weKrisimesi*" khawulihlolutye ngokuthi uthethe ngempixano enokuba ikho apha kulo.

[25]

ICANDELO C

Umbuzo 7

Imitha Yelanga: W. K. Tamsanqa

Sinemixholo eliqela ethi iphuhliswe sisincoko. Tyumba ilivo libe linye elithandwe nguwe kule ncwadi kaTamsanqa uze ubhale ngomxholo ophuhliswa leli livo.

[25]

XHS324 & XHS324E - IsiXhosa Prose
Degree Examinations -November 2019

8.1 Ndithungile Selani: D. V. Tom

UBotha (1999) uxoxa athi, "Ilivo ligxile kanobom ekuxoxeni yaye umbhali walo engafihlisi ebeka elubala iingcamango neembono zakhe ngalo mbandela usetafileni". Tyumba ilivo libe linye elitsala umxhelo wakho kule ncwadi kaTom ubonakalisa kananjalo iimpawu zelivo athe waziveza kule ncwadi ekufezekiseni iminqweno yakhe.

Chankcatha phezu kweembono zakhe ezingafihli nto kumbandela akrobisa uluntu kuwo.

[25]

OKANYE

8.2 Ndithungile Selani: D.V. Tom

Chonga ilivo libe linye kula alandelayo uze ubonakalise indlela umbhali aluveza ngayo ulwazi lwakhe ngenkcubeko/inkolo yamaXhosa.

1. Ukuthakatha
2. Ukwenda

[25]

Umbuzo 9

9.1 Amaxesha Empucuko-Sisingise Phi na? M. Yekela

Tyumba amavo abe mabini kula alandelayo uze uxoxe ngolwimi kwa nesimbo umbhali asisebenzisileyo useyama kananjalo kwiThiyori yolwimi (Linguistic Theory).

1. Imali yangoku iphelel'ezandleni
2. Isiselo esinxilisayo
3. Ubundlobongela bumi ngeenyawo

[25]

OKANYE

9.2 Amaxesha Empucuko- Sisingise Phi na? M. Yekela

Khetha ilivo libe linye kule ncwadi kaYekela uze ubonakalise indlela aphumelele ngayo ekubhaleni ilivo ungqiyama kwiimpawu ezivunyiweyo zokubhala ilivo.

[25]